

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II**

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linama CANDELO amabini u-A noB.
ICANDELO A: Inovel
ICANDELO B: Imihlathi nemihlathana
 2. KWICANDELO A – Phendula YONKE IMIBUZO KUMBUZO WOKU-1 NAKOWESI-2.
– Khetha phakathi koMBUZO WESI-3 NOWESI-4.
– Khetha phakathi koMBUZO WESI-5 NOWESI-6.
 3. KWICANDELO B – Bhala umhlathi omde ube MNYE, nomhlathana OMNYE omfutshane.
 4. Phendula imibuzo emiNE iyonke.
 5. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
 6. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku ombuzo.
 7. Nombola iimpendulo zakho ngendlela ekunonjolwe ngalo kwiphepha lemibuzo.
 8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
-

ICANDELO A UNCWADI

INOVELI: *Nyana Wam! Nyana Wam!* – W. K. Tamsanqa

UMBUZO 1 UMHLATHI UNGABALINGANISWA NOMXHOLO

1.1 Funda isicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo ngaso:

"Ewe ndoda! Ubekwa yini apha?" yatsho le nto ibuza uThole.

"Ndibekwa zinyawo!" watsho uThole ephakama ngokukhawuleza kucaca ukuba uzimesele ekubeni alwe, uxolo aluyi kumnceda nto ukulucela bayaziwa abantu boxolo, hayi lo.

Uthe ukuba atsho yatsho kakhulu le nto ngempama engalindele, yatsho ngebuahlungu impama eyatsho kwaphithizela imililo apha phambi kwakhe. Kuthe kusenjalo yatsho kakhulu ngenqindi kwee dlwe waqonda ukuba ndiyabethwa ngoku alikho elinye icebo ngaphandle kokuba ndilwe. Ithe xa ithi mayiphinde le nto waliganga ngesokhohlo/ngesandla sasekhohlo inqindi layo walikhulula elakhe ngesokunene/ngesandla sasekunene wayibetha yajikeleza akayilandela wayibukela. Akazanga esayibukele njalo weva ngenqindi lingena lodwa emsundulweni kwatsho kwee siba kuye waqabuka zimombelela ngamanqindi. Uvuke ngamandla apho evula ngenqindi wawadudula omathathu ewaxina ekoneni. Kuthe kusenjalo weva ngelizwi emva kwakhe lisithi "Heyi!"

Uthe akunye ka/akujonga wabona ngesinye isibini simkhombe ngomkhonto wekati. Waphelelwa ngamandla kwangoko waguquka ewajonga.

"Phakamis'izandla!" itshilo enye into kwesi sibini. Waqonda ukuba ukufa kufikile akalibazisa ukuphakamisa izandla.

1.1.1 Senzeka phi esi siganeko? (1)

1.1.2 Ngoobani ababekhona apha? (2)

1.1.3 Impendulo kaThole ethi "Ndibekwa zinyawo!" ibonisa ntoni?

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

- A Ukuhloni pha
 - B Ukoyika
 - C Ukuzithemba
- (1)

1.1.4 Ngubani lo wayebuza uThole ukuba ubekwa yintoni apha? (1)

1.1.5 Khupha isivakalisi kwisicatshulwa esibonisa ukuba uThole wazilwela kula madoda. (1)

1.1.6 Nika isizathu sokuba uThole aphelelwe ngamandla esazilwela. (1)

1.1.7 Bangaphi abantu ababehlasela uThole apha? (1)

1.1.8 Nika isizathu sokuhlaselwa kukaThole. (1)

1.1.9 Zeziphi iinjongo ababenazo abahlaseli bakaThole ngolu hlaselo? (1)

[10]

1.2 Tshatisa uKholam A noKholam B. Bhala inani nonobumba kuphela.

Umzekelo: 1.2.1 c

UkholaM A	UkholaM B
1.2.1 USimphiwe	(a) Ngutata owakhulisa uThole.
1.2.2 UNomsa	(b) Ngumfundisi.
1.2.3 UFikizolo	(c) Ukhula noThole.
1.2.4 UVuma	(d) Utitshala esikolweni saseZazulwana.
1.2.5 UThole	(e) Yintombi eyayithandana noThole eBhayi.

[5]

UMBUZO 2 UMHLATHI UNGOMANGALISO

2.1 Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela amagama ashiyiweyo. Khetha kumagama angezantsi.

UMangaliso ufile eDikeni wangenela izifundo 2.1.1 _____.

Kunyaka wesibini elapho wenziwa 2.1.2 _____.

Waqhuba kakuhle ezifundweni zakhe waze wafumana ithamsanqa lokuba afunde ibanga le Matriki 2.1.3 _____. Ngethuba uMangaliso eseDikeni waye wazimisela enkonzweni yaze loo nto yamenza ukuba athandwe kakhulu ngumfundisi u 2.1.4 _____.
owanikela kuye yonke into enxulumene nenkonzo waze waba ngusihlalo we 2.1.5 _____.

S.C.A, Shepherd, umphathi wamakhwenkwe, ngebhiasari, zobutitshala

[5]

2.2 Jonga ezi zivakalisi uze uxele ukuba **YINYANI** okanye **BUBUXOKI**. Ukuba **BUBUXOKI**, xhasa impendulo yakho.

2.2.1 UThole wayezithanda kakhulu iingxoxo zabafundi esikolweni.

2.2.2 UThozama udlale indima enkulu ebomini bukaThole.

2.2.3 UThole wakhethwa njengomnye wabafundi ababeza kumela uNokholeji kwingxoxo zabafundi kwiyunivesithi yaseKapa.

2.2.4 UThole wayehamba icawe yamaKatoliki.

2.2.5 UThole wanikwa isipho sendlu ngumbutho oyi-OCC.

2.2.6 UThole wasebenza unyaka onesiqingatha njengomfundisi eNgilane.

2.2.7 Umama kaThole nguNofundile.

2.2.8 Umama kaThozama nguMasuthu.

[10]

INCOKO/IDAYALOGU

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zingezantsi ubhale incoko.

Khetha phakathi ko**MBUZO WESI-3** no**MBUZO WESI-4**.

Bhala isihloko sedayalogu oyikhethileyo.

Idayalogu yakho mayibe phakathi **kwamagama ali 130** ukuya **kumagama ali 150** ubude.

UMBUZO 3

Bhala incoko phakathi kukaThole noThozama emva kokuba uThozama eqwalasele isiva esasisebusweni bukabaw'uMkwayi.

Chaphazela ezi ngongoma:

- UThozama makabize uThole ambonise isiva eso.
- UThozama makabonise uThole ukufana kwesiva sikabaw'uMkwayi neso sikaThole.
- UThole makabonakalise ukungayifaki engqondweni into yesi siva.
- UThozama makabonise uThole olunye uphawu olufana nolukaThole kubaw'uMkwayi.
- UThozama makaxelete uThole ukuba ucinga ntoni ngoThole nobaw'uMkwayi emva kokubona ezi mpawu.
- UThole makabonise ukungakufaki engqondweni oku kuthethwa nguThozama.

Isakhiwo sedayalogu naso siya kuthathelwa ingqalelo

[15]

OKANYE

UMBUZO 4

Gqibezela incoko phakathi kukaMangaliso nobaw'uMkwayi:

UMangaliso: Uxolo kaloku bawo, kuhle ngeenyembezi. Uza kuphazamisa incoko yethu.

4.1 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

UMangaliso: Uthi ke bawo wehlelwa sisehlo? Bendisamamele.

4.2 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

UMangaliso: Ubawo lo ke siza kuthi ngubani? Ingumni isiduko, liphi ikhaya?

4.3 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Ke wena mfundisi?

4.4 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Kanti yinyani na le nto?

4.5 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Le yokuba abefundisi abanamagama, abanamakhaya.

UMangaliso: Wakha weva wena bawo umfundisi ebizwa ngegama okanye

4.6 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Khawutsho mfo wam esi siva sisibusweni wasifumana njani?

4.7 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Wahlatywa yinkomo phi?

4.8 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: O! Unalo ikhaya?

4.9 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Kuphi ekhaya?

4.10 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Ndawoni eGcuwa?

4.11 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Kwabani eZazulwana?

4.12 **UMangaliso:** (1)

Ubaw'uMkwayi: Emanini isiduko?

4.13 **UMangaliso:** (1)

4.14 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

UManagliso: Kowu uyabazi. Uwazela phi amaKhomanzi kangaka?

4.15 **Ubaw'uMkwayi:** (1)

[15]

ISINCOKO

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zilandelayo uze ubhale ngaso isincoko.

Phendula **UMBUZO WESI-5** okanye **UMBUZO WESI-6**.

Isincoko sakho masibe phakathi **kwamagama ali-180** ukuya **kumagama angama 200** ubude.

UMBUZO 5

UFikizolo uthe akubona uThole engena endlwini, wothuka waze watsho la mazwi:

"Nokhaya mfazi! Ubefile, uvukile!"

Balisa ulandele esi sikhokhelo:

Umhlathi 1

- Chaza indawo esenzeka kuyo esi siganeko. (1)
- Ngoobani ababekhona apha? (3)
- Baziva njani aba bantu xa bebona uThole? Kutheni usitsho? (2)
- Wayevela phi uThole? (1)

Umhlathi 2

- Chaza izizathu zokuba uFikizolo acinge ukuba uThole ebefile. (4)

Umhlathi 3

- Chaza indlela awayephila ngayo uThole eKnysna. (5)

Umhlathi 4

- Chaza izizathu ezenza ukuba athathe isiggibo sokuba ahambe eKnysna. (5)
- UThole wabhalela bani ekhaya echaza ukuba uyeza? (2)

Umhlathi 5

- UFikizolo wamamkela njani uThole ukufika kwakhe ekhaya? (2)
- [25]

OKANYE

UMBUZO 6

"Lulo ubizo olu, ndiyazinikela," watsho uThole ephakama esiya ngaphambili.

Sichazele ngesiganeko sangale mini. Landela esi sikhokhelo:

Umhlathi 1

- Wayephi uThole ngoku athetha la mazwi? (1)
- Yintoni le azinikela kuyo? (1)
- Babebangaphi abantu ababezinikela ngale mini? (1)
- Nika isizathu sokuba athathe ixesha ekuzinikeleni. (2)

Umhlathi 2

- Zeziphi iingcinga awayenazo uMangaliso ngale mini phambi kokuzinikela kwakhe? (9)

Umhlathi 3

- Chaza isizathu sokuba athathe isiggibo sokuzinikela. (6)

Umhlathi 4

- Zamkeleka njani iindaba zokuzinikela kukaMangaliso esinaleni? (5)
[25]

70 amanqaku

ICANDELO B

IMIHLATHI EMIDE

- Phendula ileta ibe **NYE** kwezi zilandelayo.
- Impendulo yakho maybe phakathi **kwamagama ali-150** ukuya **kumagama angama-180** ubude.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo.

UMBUZO 7 ILETA YOBUHLOBO



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Bhalela umhlobo wakho ileta umcebise ukuba angafunda kweyiphi iYunivesithi akuba ephumelele ibanga lakhe le-12.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Nika isizathu sokuba ukhethe le yunivesithi.
- Iza kumnceda njani umhlobo wakho.
- Ulufumene phi wena olu lwazi ngale yunivesithi.

[20]

OKANYE

UMBUZO 8

ILETA YOBURHULUMENTE



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Bhalela inqununu yesikolo sakho ileta umxelele ngesenzo socalu-calulo esenzeke kuwe okanye komnye umfundsi ngexesha lekhefu.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Sesiphi esi senzo socalu-calulo senzekileyo?
- Uzive njani ngesi senzo?
- Sesiphi isisombululo ocinga ukuba singaphelisa isenzo esinje ngesi?

[20]

OKANYE

UMBUZO 9

ILETA YOBULHOBO



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Bhalela umzali wakho ileta (umama okanye utata) ongahlali naye umchazele ngobomi bakho ngaphandle kwakhe.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele ukuba uyamkhumbula.
- Mchazele ngobomi bakho ngaphandle kwakhe.
- Mc ebise ngezinto eninokuzenza ukuqinisa ubuhlobo kuba ningahlali nobabini.

[20]

IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

- Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zingezantsi uze ubhale umhlathana ngaso.
- Umhlathana wakho kufuneka ube **ngamagama ali 60–80** ubude.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo.

UMBUZO 10 INGXELO



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Bhala **ingxelo** emfutshane ngezinga lokwasuleleka sisifo i'Corona virus' kwiphondo lakho.
Cebisa abahlali ukuba bangenza ntoni ukuze lehle eli zinga lokwasuleleka.

[10]

OKANYE

UMBUZO 11 IRIVYU



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Bhala **irivyu** yencwadi ubukhe wayifunda **okanye** ifilim obukhe wayibukela.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Isihloko sencwadi okanye ifilim.
- Umbhali.
- Abalinganiswa abaphambili.
- Umxholo.
- Imfundiso.
- Izimvo zakho.

[10]

OKANYE

UMBUZO 12 UDLIWANONDLEBE

Zenze uThole uphendule imibuzo yodliwanondlebe lomsebenzi wobumabhalane obuwubone upapashwe kwphepha i-*Evening Post*.

UManejala: Molo Mnumzana. NdinguMnumzana uNqeberhu. Ndiza kuba nawe kolu dliwanondlebe Iwanamhlanje.

UThole:

UManejala: Sifuna umntu oza kusincedisa kweli shishini njengoko liya likhula ngokukhula.

UManejala: Khawundichazele ngawe. Ungubani?

UThole:

UManejala: Uve njani ngathi?

UThole:

UManejala: Kutheni ufunu ukusebenza apha?

UThole:

UManejala: Sixelele ukuba kutheni uzibona ungojena uwulungeleyo lo msebenzi?

UThole:

UManejala: Ungayenzela ntoni le khampani?

UThole:

UManejala: Uyakwazi ukuthengisa?

UThole:

UManejala: Ungafuna ukuqala nini xa unokuluphumelela olu dliwanondlebe?

UThole:

UManejala: Ungafuna sikubhatale malini?

UThole:

UManejala: Kulungile Thole. Uya kuphinda uve kwangathi.

UThole:

[10]

30 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100